



Inombolo yefayili: 18/5/P
Isalathiso: 20240205-1473

INGcaciso eMfutshane yeCandelo lokuNika iNkxaso yeZibonelelo kumaZiko: 0005/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharithulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziphantsi kwesiqendu 21

Isihloko: Iinzuzo kwizikolo eziphantsi kwesiqendu 21 xa zithenga iincwadi zezifundo zamaBakala 1 ukuya kwele-12 zisebenzisa abapapashi abanemvumelwano (contracts) ezikhoyo neSebe i-WCED

1. Izikolo zaseNtshona Koloni zilindeleke ukuba zimnike umfundi obhalisileyo ngamnye, incwadi yesifundo ngasinye.
2. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i-WCED) qho ngonyaka linika zonke izikolo ithuba lokuthenga iincwadi zezifundo ngokwenza ii-odolo ngokungena kwi-CEMIS. Ii-odolo ezidityanisiweyo ezivela kwizikolo zephondo jikelele, zenziwa ngoko ke kubapapashi abanemvumelwano ne-Sebe i-WCED ukwenzela ukuba kuthengwe yaye kuhanjise iincwadi zezifundo ezikolweni phambi konyaka wesikolo olandelayo.
3. Kuqatshelwe ukuba ezinye izikolo eziphantsi kwesiqendu 21 azilisebenzisi eli thuba lokuthenga iincwadi zezifundo ngenkqubo elandelwayo yokuthengwa kwempahla neenkono.
4. Injongo yale ngcaciso imfutshane kukuqaqambisa iinzuzo kwizikolo eziphantsi kwesiqendu 21 xa zithenga iincwadi zezifundo okanye zisenza ii-odolo zeencwadi zezifundo ngokungena kwi-CEMIS xa eli thuba linikwe zonke izikolo qho ngonyaka ngoMeyi/Juni.
5. Iinzuzo kwizikolo ezi-odola iincwadi zezifundo ngokungena kwi-CEMIS ziquka oku kulandelayo:
 - 5.1 Uphando lweSebe i-WCED olubandakanya ukuqaphela izixa-mali ezihlawulwe sisikolo ngasinye esingayenziyo i-odolo yeencwadi zezifundo ngokungena kwi-CEMIS, lubonise ukuba ezi zikolo zihlawula ukuya kufikelela ngaphezulu kwe-27% kwiincwadi zezifundo.

Ngokusebenzisa abapapashi abanemvumelwano neSebe i-WCED, zinako ukuthengwa iincwadi zezifundo ezininzi ngesi sixa-mali sifanayo.

- 5.2 Xa iincwadi zezifundo zi-odolwe ngokungena kwi-CEMIS, i-100% leencwadi zezifundo ezi-odoliweyo zisiwa ezikolweni engadlulanga u-Oktobha/uNovemba wonyaka ongaphambili.
- 5.3 Izikolo ziya kubanako uku-odola iZibonelelo eziXhasa ukuFunda nokuFundisa (LTSM) eziveliswe liSebe leMfundo esiSiseko (DBE). Ezi zibonelelo zibhalwe ziingcali zemfundo ezivela kwilizwe lonke yaye oko konga iindleko kakhulu yaye zinako ukusetyenziswa jikelele njengezinye iincwadi zezifundo eziqhelekileyo.
- 5.4 Apho singonelanga isabelo-mali semimiselo nemigangatho (N&S) sesikolo esifumanekayo se-LTSM, isikolo siya kubanako ukufumana ikoteshini ukuqinisekisa ukuba yimalini na eyongezelelweyo eza kufuneka ukulungiselela ukuba kuthengwe zonke iincwadi ezifunekayo. Isikolo sinako ukwenza amalungiselelo okuba sihlawule imali eyongezelelweyo kwi-akhawunti yebhanki yeSebe i-WCED, emva koko i-odolo iya kwenziwa nompapashi ekuvunyelwene naye.
6. Kungaqhagamshelwana naba bantu balandelayo ukuxoxa ngezinto eziluncedo ezibandakanyekayo xa kusenziwa intlawulo kwiSebe i-WCED malunga neencwadi zezifundo ezingaphezulu kwesabelo-mali esifumanekayo se-N&S se-LTSM nokufumana ingcaciso engaphezulu malunga nezibonelelo ezikhoyo zeSebe i-DBE:

Umntu emakuqhagamshelwane naye	Idilesi ye-imeyili	Inombolo yefoni
Zandre Kleinschmidt	Zandre.Kleinschmidt@westerncape.gov.za	021 467 2354
Alexandra Henriques	Alexandra.Henriques@westerncape.gov.za	021 467 2767
Brian Le Keur	Brian.Lekeur@westerncape.gov.za	021 467 2094

7. Izikolo eziphantsi kwesiqendu 21 ziyakhuthazwa ngokwenjenje ukuba zithathele ingqalelo ezi nzuzo zikhankanywe ngasentla, zibuze imibuzo eyimfuneko, yaye zithathe isigqibo ngexesha elililo ukuba ngaba zilisebenzise na eli thuba uku-odola iincwadi zezifundo zabo kwi-CEMIS zisebenzisa abapapashi abanemvumelwano neSebe i-WCED abakhoyo.

8. Kucelwa nazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-MS ABRAHAMS

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO

UMHLA: 2024-02-19